# YENZA UMAHLUKO — VOTA!



| April | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| S | M | T | W | T | F | S |
| | | | | | 1 | 2 |
| 3 | 4 | 5 | 6 | 7 | 8 | 9 |
| 10 | 11 | 12 | 13 | 14 | 15 | 16 |
| 17 | 18 | 19 | 20 | 21 | 22 | 23 |
| 24 | 25 | **26** | **27** | **28** | 29 | 30 |

## April 26

Ungayifaka ivoti eyodwa ngalo mhla.Ungacela okokuba ufake ivoti eyodwa ukuba ngaba uyazi okokuba akuzi kuba nako ukuya kwiziko lovoto ngenxa yokugula okanye ubudala. Buza kwiinkokeli zoluntu neetyalike namhlanje okokuba ungenza njani na ukuze igosa lovoto likutyelele esibhedlela, kwikhaya labantu abadala, nakwiziko labantu abangaboniyo nabangevayo njalonjalo, ukwenzela okokuba ukwazi **UKUFAKA IVOTI EYODWA NGOMHLA WE 26 KU APRIL.**

## April 27


### IHOLIDE YESIZWE— UMHLA WONYULO!

Umqeshi wakho uyanyanzeliswa ngumthetho okokuba akunike ithuba lokokuba **UVOTELE UMZANTSI AFRIKA OMTSHA.**

## April 28


### UMHLA WOKUGQIBELA WONYULO

Lo mhla lithuba lakho lokugqibela lokuvotela urhulumente omfunayo. **AYINGOMHLA WEHOLIDE,** ngako oko thetha-thethana nomqeshi wakho, ukuba ngaba usafuna **UKUVOTELA ULAWULO LWABANTU.**



A.M.

**Amaziko okuvota aya kuvulwa ngentsimbi yesixhenxe kusasa ukuya kweyesixhenxe ngokuhlwa.**



P.M.

**VOTA NGOMHLA KA APRIL 26! VOTA NGO APRIL 27 NANGO APRIL 28.**

## Ngubani onakho ukuvota?

Ungavota ukuba ungummi woMzantsi Afrika kwaye uneminyaka elishumi elinesibhozo (18) nangaphezulu.

Oku kuquka abantu abahlala kumaphandle afana ne Transkei, Ciskei, Venda kunye ne Bophuthatswana. Ikwaquka nabantu abatshatele kwaye bengabantwana babemi boMzantsi Afrika.

Nabani na ohleli eMzantsi Afrika iminyaka emihlanu nangaphezulu angenza isicelo sokuba ngummi akwazi ukuvota.



## IZAZISI




Ngomhla wonyulo, kuza kufuneka isiqinisekiso sokuba ungubani na, okokuba ngaba ungummi woMzantsi Afrika kusini na, kwaye uneminyaka elishumi elinesibhozo nangaphezulu na. Ungazisebenzisa ezi zilandelayo njengezazisi zakho:

- Incwadi yesazisi yaseMzantsi Afrika (ID Book)
- Amakhadi ezazisi amadala
- Amakhadi okuvota ethutyana.
- Amapasi amadala (Dompass — oodompasi ukutsho)
- Iincwadi zezazisi ezisetyenziswa ngamazwana azimeleyo (TBVC states)




Ukuze ufumane incwadi yesazisi, yenza isicelo kwi ofisi yesebe lemicimbi yekhaya, kwi ofisi kamantyi ekufutshana kuwe, kwi ofisi yenqila okanye kwinqwelo ejikelezayo yesebe lemicimbi yezekhaya enokuza kwingingqi okanye ifama ohlala kuyo. Yiza nencwadi eza kuqinisekisa umhla wokuzalwa kwakho nefana:

- Nesiqinisekiso sokuzalwa okanye esokubhabhatizwa
- Amakhadi ase Kliniki apho wawuzalelwe khona
- Incwadi esuka esikolweni
- Iipemete zakho ezindala
- Iincwadi ezisuka kubaqeshi bakho abadala
- Incwadi esuka kwinkosi yendawo owazalelwa kuyo
- Incwadi esuka kumnikazi wefama owawuzalelwe kuyo
- Intetho efungelweyo ebolisiteshini evela kwizizalwane ezibini okanye abantu ekukudala utshomene nabo ukuqinisekisa iminyaka yakho kunye nendawo ozalelwe kuyo.

### Amakhadi Ethutyana Okuvota

Ukususela ngomhla wesibhozo kweyomdumba (February), bonke abantu boMzantsi Afrika ababhalisele ukufumana izazisi baya kufumana **IKHADI LETHUTYANA.** Uya kufumana isazisi sakho kwisithuba nje seeveki ezine ukuya kwezintandathu emva kokuba wenze isicelo eso ngako oko uya kusebenzisa **IKHADI LETHUTYANA** nje ngesazisi sakho ngomhla wonyulo.




**AMAKHADI ETHUTYANA OKUVOTA**

## Ngubani ongenakuvota?

Akunakuvota okokuba:

- Ungumntu ongaphilanga ngengqondo,
- Ukwiziko labagula ngengqondo,
- Ukwiziko labantu abanyangwa ngeziyobisi,
- Uthothoza ejele ngenxa yezenzo ezimanyumnyezi ezifana nokubulala, ukuzithathela isondo ngolunya, ukukhuthuza kwanobuqhetseba.

**MUSA UKULINDA, FUMANA INCWADI YESAZISI OKANYE IKHADI LOKUVOTA NAMHLANJE!**

# VOTING STATION
# DITULO TSA DIKGETHO
# STEMLOKAAL




1. Show ID or voter card
2. Check hands
3. Mark hands
4. Get ballot paper
5. Make cross on ballot paper
6. Put ballot in box

1. Shupa lokwalo – tsupo (ID) kgotsa karata ya go vouta (tlhopa)
2. Seka – seka matsogo
3. Tshwaya matsogo
4. Tsaya pampiri ya go vouta (tlhopa)
5. Dira sefapano mo pampiring ya go vouta (tlhopa)
6. Letloleng la dingwalo tsa ditlhopo

1. Wys ID of kieserskaart
2. Ondersoek hande
3. Merk hande
4. Kry stembrief
5. Maak kruisie op stembrief
6. Plaas stembrief in stembus

A VEETU POSTER (VOTER EDUCATION AND ELECTIONS TRAINING UNIT)

VEETU is a project of ERIP at the University of the Western Cape, in partnership with Afesis (East London), CCLS (Durban), HAP-ODS (Johannesburg)

Iziko loluntu, isikolo, icawa, amabala ebhola ekhatywayo neyombhoxo angasetyenziswa nje ngamaziko okuvota apho uya kuthi ufake khona ivoti yakho. Ukuba ngaba uhlala efama okanye kude nedolophu, ungavota **KWIZIKO LOVOTO ELIJIKELEZAYO** neliya kuthi liziswe kufuphi nendawo ohlala kuyo. Jonga izaziso okanye ubuze iinkokeli zoluntu okokuba elona ziko lovoto likufutshane kuwe liya kuba ndawoni na.

**CWANGCISA KWANGOKO — YENZA AMALUNGISELELO KWANGOKU ENQWELO EZA KUKUTHUTHA UKUYA KWIZIKO LOKUVOTA!**

# BALLOT PAPER

(Make a cross next to the party or organisation of your choice) : Vote for **ONE** party only.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| PAN AFRICANIST CONGRESS | | PAC |  | |
| XIMOKO PROGRESSIVE PARTY | | XPP |  | |
| AFRICAN NATIONAL CONGRESS | ANC | ANC |  | |
| AFRIKANER-VOLKSUNIE | AVU | AVU |  | |
| CONSERVATIVE PARTY | KP | CP |  | |
| DEMOCRATIC PARTY | DP | DP |  | |
| DIKWANKWETLA PARTY OF SOUTH AFRICA | | DPSA |  | |
| INKATHA FREEDOM PARTY | IFP | IFP |  | |
| NATIONAL PARTY | NP Nasionale Party National Party | NP |  | |


*This is a sample and not an official ballot paper.

Some of the above political parties / organisations may choose not to enter the elections.

A Project Vote / Veetu Ballot Form

## LA MAQELA ALANDELAYO ASENOKUBAKHO NGOMHLA WONYULO:

**The African Christian Democratic Party (ACDP)**
**The United Peoples' Front**
**The Keep it Straight and Simple Party (Kiss)**
**The Women's Rights Peace Party**
**The Workers International to Rebuild the Fourth International SA**
**The African Democratic Movement (ADM)**
**Minority Front**
**The North West Democrats**
**The SA Women's Party**
**The Merit Party**
**The Islamic Party**
**The Workers List Party**
**The Realiste/Realists Party**






Phambi kokuba uye kwiziko lokuvota, qinisekisa okokuba uyalazi igama lombutho ofuna ukuwuvotela, uphawu lwawo, imibala yawo, okanye ubuso benkokheli yalo ukwenzela okokuba ukwazi ukububona kwiphepha lovoto. Usakuba uwazi umbutho oza kuwuvotela, yeza unongxabalaza (X) ngakwigama lombutho ozikhethele wona.

Uvotela iqela libe linye kwiphepha lokuvota.

## KHUMBULA — IVOTI YAKHO LIHLEBO LAKHO!



# YINTONI INGXAKI YABAVOTI?



**Umbuzo:** Ingaba ukhona umntu oza kubakho kwiziko lokuvota ukundikhusela kubundlobongela?

**Impendulo:** Umkhosi wokugcina uxolo wesizwe nowenziwe yimikhosi eyahlukeneyo kunye nomkhosi wokhuselo kwaye iza kusebenza kunye nabantu abasuka kumazwe aphesheya ukukhusela wena ngomhla wonyulo nasekehlaleni ngikubanzi.



**Umbuzo:** Ngubani oza kuqinisekisa okokuba akukho bantu boyikiswayo kwiziko lokuvota?

**Impendulo:** Kuya kuba kukho abakhi mkhanyo abazimeleyo nabajongene novoto, abakhi mkhanyo abasuka kumazwe ngamazwe kunye nabameli bamaqela ezopolitiko abazakuqinisekisa okokuba akukho mntu uza kuqhatha okanye oyikise abanye abantu. Abakhi mkhanyo baza kuqinisekisa okokuba olu nyulo **LOLUKHULULEKILEYO NOLWAMKELEKILEYO**. Abakhi mkhanyo ungababona ngeebheji kwanempahla abazinxibileyo.



**Umbuzo:** Ingaba umqeshi wam uza kufuna ukwazi okokuba ndivotele bani na?

**Impendulo:** Inye indlela umqeshi wakho okanye nabani na anokufumana ngayo indlela ovote ngayo kuxa uthe WENA wamxelela. **IVOTI YAKHO LIHLEBO LAKHO!**



**Umbuzo:** Kwenzeka ntoni ukuba ngaba andikwazi kufunda oko kubhalwe kwiphepha lokuvota?


**Impendulo:** Amagosa ezovoto anokukunceda kunye nabanye abanengxaki ekufundeni ekubhaleni nakwindlela yokuvota.


Buza la magosa ngawo aya kukunceda ekukuboniseni indlela yokuvota.Ivoti yakho IYA KUHLALA ILIHLEBO xa ufumana uncedo kula magosa kuba bayafunga phantsi kwesifungo sokuba abasayi kuxelela nabani na igama lo mntu omvoteleyo.

**MUSA UKOYIKA NOKOYIKISWA, WENA NEVOTI YAKHO NIYA KUKHUSELEKA NGOMHLA WONYULO**

# IKOMISHONI EZIMELEYO NEJONGENE NOLONYULO

Le komishoni yenzelwe ukujongana kwanokuqinisekisa ulonyulo. Umsebenzi wayo kukuqinisekisa okokuba ulonyulo LULOLUKHULULUKILEYO NOLWAMKELEKILEYO kwaye ichaze neziphumo zonyulo emva kokuba sele kuvotiwe. Usihlalo wale komishoni yijaji u Kriegler lize igqwetha lejaji u Dikgang Moseneke abe ngu sekele-sihlalo. U Dawn Mokhobo yena ujongene nokulungiselela kwanokufundisa abavoti baseMzantsi Afrika. U Albert Mokoena yena yintloko yeenkqubo ezifundisa ngendlela yokuvota. U Humphrey Khoza ungumlawuli kwicandelo lezoqhakamshelwano.
Bangafumaneka kule nombolo yemfono-mfono (011) 928 1000.


Judge Johann Krieger


Adv. Dikgang Moseneke


Mrs. Dawn Mokhobo


Mrs. Rosil Jager


Mr. Ben van der Ross


Ms. Gay J. McDougall


Dr. Oscar Dhlomo


Rev. Frank Chikane


Mrs. Helen Suzman


Adv. Zack Yacoob


Prof. Walter J. Kamba


Mr. Charles Nupen


Prof. Johan H. Heyns

**NOT PICTURED:** Mr. Ron Gould, Dr. Amare Tekle, Mr. Jorgen Elkliff

## Ibhunga elizimeleyo nelijongene nokufundiswa kwabavoti

Eli bhunga licwangcisa umsebenzi ojongene nokufundiswa kwabavoti kwimibutho engaphezulu kwamashumi amathathu (30) kwinkalo ezifana noqeqesho, kwezeendaba, ukujonga ulonyulo kwanokugaya.

Ukuba ngaba unomnqweno wokuqonda okokuba ziziphi na indawo ezifundisa abantu ngovoto kwindawo ohlala kuyo, qhakamshelana nondlu nkulu weli bhunga kule nombolo (011) 484 2984 uqonde okokuba ungayifumana njani na i-ofisi yeli bhunga ekufutshane nawe.

**Nazi iinombolo zee-ofisi zeenqila zeli bhunga**

| Region | | Telephone |
|---|---|---|
| Border | (0431) | 439 168 |
| Eastern Cape | (041) | 573 029 |
| Karoo | (051) | 753 0803 |
| Johannesburg | (011) | 484 2984 |
| Natal | (031) | 304 2486 |
| Northern Natal | (03431) | 22602 |
| Northern Transvaal | (015) | 556 3133 |
| Orange Free State | (051) | 484 821 |
| Pietermaritzburg | (0331) | 426 368 |
| Pretoria | (012) | 342 1476 |
| Southern Cape | (0443) | 292 136 |
| Transkei | (0471) | 311 837 |
| West Coast | (02281) | 4205 |
| Western Cape | (021) | 453 207 |
| Western Transvaal | (018) | 462 1297 |

## Ukusasazwa Kwenkqubo Ejongene Nokufundiswa Kwabantu Ngolawulo Lwabantu Olukhululekileyo

Le yinkqubo esebenza ngokuphathisana kweziko losasazo loMzantsi Afrika (SABC) kunye nemibutho engamashumi amahlanu ananye (51) ukusasaza iinkqubo ezingenanto yakwenza nemibutho yopolitiko nezijongene nokufundisa abantu ngokuvota koomabonakude nakoonomathotholo. Injongo yale nkqubo, esebenzisa iindlela ezahlukeneyo, kukumanya nokufundisa ngeli xa ikonwabisayo kwaye ixhobisa abavoti baseMzantsi Afrika. Tsalela umnxeba kule nombolo 089 1101102/3/8/9 xa ufuna enye inkcazelo ngale nkqubo.

**UKUBA NGABA UNENGXAKI YOKUFUMANA INCWADI YESAZISI OKANYE UFUNA IINKCUKACHA, QHAKAMSHELANA NE OFISI YESEBE LEZANGAPHAKATHI KWINDAWO OHLALA KUYO:**

| Region | | Telephone |
|---|---|---|
| Western Cape | (021) | 462 4990 |
| Witwatersrand | (011) | 834 3405 |
| Natal | (031) | 306 2760 |
| Northern Transvaal | (01311) | 53 100 |
| Central Transvaal | (012) | 326 2450 |
| Eastern Cape | (041) | 55 1088 |
| Northern Cape | (0531) | 81 2862 |
| Orange Free State | (051) | 30 1130 |

**Xa ufuna inkcazelo malunga nokufumana iikopi ze Voting Times qhakamshelana ne Project Vote kule nombolo yemfonomfono (021) 453 207, Inombolo ye-fax NGU (021) 453 494 okanye ubhalele kwa 701 Scotts Corner, 10 Plein Street, Cape Town, 8001**

**UKUBA NGABA UNEMIBUZO NGONYULO, MUSA UKOYIKA UKUCELA UNCEDO!**

# 10 Commandments For Voters





PROJECT Vote

1 You have nothing to fear. Remember that your vote is secret. Only you and God know how you vote.

2 Watch out for wolves in sheep's clothing. Do not vote for a party without knowing its aims and policies.

3 People who promise things that they never give are like clouds and wind that bring no rain: do not be misled by promises.





4 Your vote is your power: use it to make a difference to your life and your country.

5 Do not vote for a party which offers money or food in exchange for your vote. One who tries this is corrupt.

6 Do not be afraid of the future. Vote and put your faith into action.





7 Blessed are those who hunger and thirst for righteousness. Vote so that justice can flow like a river, and peace like a mighty flood.

8 We have been made for freedom. Use your vote to ensure that we do not become slaves again.

9 We are one nation made up of many parties, as our bodies are made up of different parts. Respect and defend the rights for others to vote for the party of their choice without fear or intimidation.

10 Your responsibility does not end on the day of the election. Do not expect personal favours from those elected, but watch out for their actions and demand that they fulfill their promises.

Issued by Project Vote of the Centre for Development Studies (CDS), Private Bag X17, Bellville 7535

ASSOCIATED









Printed by Argus Newspapers Limited